K – ISikhokelo seSebe i-*WCED* Ukulawulwa kokhuseleko lweehostele ngethuba le-*Covid-19*

ICandelo eLikhulu loPhuhliso noQuquzelelo lwamaZiko	K- ISikhokelo seSebe i-*WCED*: Ukulawulwa kokhuseleko lweehostele ngethuba le-*Covid-19*	
K - ISikhokelo seSebe i-*WCED*	Sikhutshwe: 22 Meyi 2020	Masijongisiswe njengesiyimfuneko naxa kuyimfuneko

Sivunywe yiNtloko yeSebe:

BK Schreuder
Umhla: 2020-05-22

K- ISIKHOKELO SESEBE I-*WCED*: UKULAWULWA KOKHUSELEKO LWEEHOSTELE NGETHUBA LE-*COVID*-19

1. Injongo

Esi sikhokelo sesokulungiselela ukulawulwa kwezikolo neehostele ukwenzela ukubuyela kwabafundi kwiihostele kunye nokuba inokulawulwa njani indawo engqonge ihostele ngexesha le-*Covid*-19.

2. Amalungiselelo okubuyela kwabafundi kwihostele.

2.1. Iihostele kufuneka zicocwe phambi kokuba abafundi babuyele ehostele. Kucelwa ufunde iSikhokelo seSebe i*WCED*: Ukucocwa kwezikolo kunye nokugcinwa kwempilo nococeko.

2.2. Amagumbi kufuneka elungiselelwe, ukuthathela ingqalelo imimiselo yomqathango wokuqelelana.

2.3. Amagumbi alungiselelwe ukulala, kufuneka alungiswe. Kuqinisekiswe ukuba iibhedi ezisemagumbini okulala zikwisithuba seemitha eziyi-2 ubuncinane bokuqelelana.

2.4. Isicoci sezandla esibulala iintsholongwane okanye ulwelo lwesepha yokuhlamba izandla kufuneka lwenziwe lufumaneke kubafundi ukuze balusebenzise ngawo onke amaxesha.

2.5. Makuqinisekiswe ukuba ikhona indawo yokuhlalisa umntu yedwa okwethutyana ehostele umfundi okanye umsebenzi wasehostele xa kukho imfuneko.

2.6. Indawo(iindawo) efanelekileyo yokuba abafundi mabafunde okanye benzele kuyo umsebenzi wasekhaya bejongiwe kufuneka yenziwe ukulungiselela ukuphunyezwa komqathango woqelelwano.

2.7. Ithayimthebhile yamaxesha eyenzelwe ukusetyenziswa kwegumbi lokuhlambela kusasa nasebusuku.

2.8. Makulungiselelwe amaxesha okutya kwabafundi angenalugxalathelwano ukwenzela ukuba kungabikho kuxinana xa kusetyenziswa izixhobo zegumbi lokutyela. Kufuneka kuthathelwe ingqalelo amanani kunye namalungiselelo okuhlala xa kutyiwayo.

2.9. Kumabakala okuqala okubuyela kwabafundi ehostele, ukwabiwa kwamagumbi kufuneka kuthathele ingqalelo imfuneko yokwahlulwa kwabafundi kangangoko kunako.

3. Xa abafundi bebuya

3.1. Bonke abafundi, kuquka abasebenzi basehostele, kufuneka bahlolwe xa befika ehostele. (Kucelwa ufunde iSikhokelo D seSebe i*WCED*: Ukuhlolwa kwabasebenzi kunye nabafundi).
3.2. Abasebenzi basehostele kufuneka bahlolwe qho kusasa.
3.3. Zonke iinkcukacha eziqokelelwe kuhlolo kufuneka zirekhodwe.
3.4. Ukuhlolwa ehostele kohlukile kukuhlolwa esikolweni, okt. Abafundi abahlala ehostele kufuneka bahlolwe kwakhona qho kusasa xa besiya esikolweni.
3.5. Abafundi bakuqhelaniswa malunga nezempilo kunye nokhuseleko ehostele ngexesha likabhubhane. (Kucelwa ufunde iSikhokelo C seSebe i-W*CED*: Ukuqhelaniswa kwabasebenzi kunye nabafundi.)
3.6. Abafundi kwihostele kufuneka bagcine umgama okhuselekileyo ukusuka komye umntu ngawo onke amaxesha.
3.7. Abafundi mabangawandwendweli amanye amagumbi.
3.8. Abafundi mabangabuthelani bengamaqela emagumbini.
3.9. Abafundi mabafunde okanye benze umsebenzi wasekhaya bejongiwe, kwindawo efanelekileyo bebambelele kumqathango wokuqelelana.
3.10. Abafundi mababambelele kumaxesha abekiweyo alungiselelwe ukusebenzisa izixhobo zegumbi lokuhlamba kusasa nasebusuku.
3.11. Abafundi mababambelele kumaxesha alungiselelwe ukutya angenalugxalathelwano.
3.12. Abafundi akuyomfuneko ukuba banxibe imaski xa besehostele kodwa kufuneka bayinxibe xa bephuma ehostele.
3.13. Abafundi kufuneka bafundiswe ukuba bazikhathalele kwaye bazihlambe njani iimaski zabo. Ukuba kunokwenzeka, abafundi ehostele kufuneka basebenzise imaski ezintathu.
3.14. Abasebenzi abangahlali ehostele kufuneka bahlolwe yonke imihla xa befika kwaye banxibe iimaski ngalo lonke ixesha.
3.15. Abasebenzi basekhitshini mabanxibe i-*PPE* xa belungisa ukutya naxa betyisa abafundi.
3.16. Abafundi kunye nabasebenzi kufuneka bakuthintele ukubambana ngezandla, ukwangana kunye nokudibana ngqo.
3.17. Ukuba kuthe kwakho umfundi okanye umsebenzi oye wagula, isikolo kufuneka silandele izikhokelo ezibonelelwe kwiSikhokelo L seSebe i-*WCED*: UkuLawulwa kosuleleko yi-*Covid*-19 ezikolweni.
3.18. Inqununu kufuneka yaziswe ngokukhawuleza ukuba umfundi, utitshala okanye umsebenzi wasehostele uye wadibana ngqo nomntu ekungqinwe ukuba wosulelekile okanye ufunyaniswe ngokuxilongwa ukuba wosulelekile yi-*COVID*-19.
3.19. Ukuba abafundi bayagoduka ngeempela-veki, kufuneka bahlolwe ngokubuya.

4. Xa kukho umntu orhaneleka ngokosuleleka yi-*Covid*-19 ehostele

4.1. Ukuba umfundi ohlala ehostele ubonakalisa iimpawu ezinxulumene ne-*Covid*-19, umfundi makahlaliswe yedwa ade abenokulandwa okanye athathwe agoduswe.
4.2. Abazali/abagcini babafundi kufuneka baziswe ngokukhawuleza.
4.3. Xa kulandwa umfundi, kufuneka umzali abonelelwe ngeenkcukacha zokuba angenza ntoni xa umfundi ebonisa iimpawu ze-*Covid*-19.

5. Ukuba kukho umntu ekuqinisekiswe ukuba wosulelekile yi-*Covid*-19 ehostele

5.1. Inqununu kufuneka ixele bonke abantu ekuqinisekiswe ukuba bosulelekile kuMlawuli weSekethe/kuMlawuli weSithili ngokukhawuleza, kwakunye, neenkcukacha zomntu owosulelekileyo, ezinjengo kuba:
- Ebegqibele nini umfundi esikolweni okanye ehostele?
- Ebehlala noobani egumbini?
- Bebekhe badibana nabani **ngqo**?
- Bebekhe badibana nabani njee?

5.2. Ukuhlolwa kwehostele kuya kwenziwa liSebe lidibene nenqununu kunye neSebe lezeMpilo. Isikolo siya kucetyiswa sisithili ngamanyathelo amawathatyathwe.
5.3. Oku kunokuquka:
- Ukuhlaliswa bodwa *(isolation*) kwabafundi (okanye kwabanye abafundi) ehostele ixesha eliya kuba ziintsuku eziyi-14.
- Ukuvalwa kwamacandelo ehostele kwaye acocwe ukubulala iintsholongwane
- Ukuvalwa kwehostele nokucocwa ukubulala iintsholongwane, nokuvulwa kwakhona emva koko,

5.4. Makukhunjulwe ukuba yiNtloko yeSebe kuphela enokunika imvume yokuvalwa kweziko lemfundo. INtloko yeSebe iya kucetyiswa liSebe lezeMpilo.